Imbongi yakwa Gompo Neyesizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (20 September 1921), page 3

**Umfi u J.T. Jabavu**

*Tutuzelani, tutuzelani abantu bam.*

Ukuba ubani ulinga ukwenza imbali engobom bomfi lo, anga twala amahlandinyuka nama silantsi amaninzi, - ewe, angaba uzama ukwenza ibali lokuqubela pambili kwelizwe lasema Xoseni lipela. Indawo leyo ilungile nge xesha layo, kuba lomfo uwileyo namhlanje bekuxonywe izinto ezininzi kuye zesizwe setu - ngoko ibali lake liyakumelwa kukwenziwa, licokiswe nokwenziwa kwalo.

Ekokubeni amantloko ezizinto selevakele ezingxelweni zamapepa, andisayi kuba saya apo, sendiya kubeta nam emantloko ezinto, ndisiti lomfo umka kakuhle kakulu emhlabeni kuba umke ezibona ukulunga kwazo zonke izinto ezibe zisengqondweni yake kuleminyaka ingekude idluleyo: (1) Imfundo yonyana wake e-London ibimpakamise izibilini, zavakala ukuti gulukungxu kwazo mini wabuya efezile - yaze yabuye yamhlalisa kamnandi indodana leyo, yamtutuzela. (2) Ukubonile ukupumelela kwe Koleji, e Fort Hare, nehambiso yemfundo yesizwe kuyo. (3) Inkosi ebubeleni bayo, impile amandla okuwuyekela kuye umsebenzi wepepa, abezambalaza ebunzimeni ukuwupumeza upumelele esizweni, wabonakala ewuxolisa umpefumlo wake.

Ebomini bayo obuminyaka ima 62 lendoda, ama 42 iwagqibele emsebenzini wesizwe, nzima, nangojokojoko ongazange aqauke ndawo, - yabucata lonto ubomi bayo, yafa ngokulandelelanayo noyise u Ntwanambi, obube yena ngowe 1919.

Pambi kokuba ndiyeke mandi vunyelwe ndikankanye indawana ezincinci zibe ntatu, ezandikataza umpefumlo malunga naye:

a. Ukundincina kwake ukuba ndibe sepepeni lomzi, nenteto zake kuyo lento, kanti koku.

b. Ngo July lo, indlela awayi hlabela wayivuma ngayo ingoma eti: “Moya Oyingcwele yiza pezu kwetu,” mhla kwamkelwa u Rev. C Mji, ndade ndateta nomnye ngalonto, wati kanti nalawo wabanekelwa kwanje ngam njalo.

c. Inteto awayenza ku Mr. no Mrs. Alexander be Bandla le Quakers ngo August lo, waye ebika umsebenzi wesikolo se ntlanganisela awupeteyo, exela inkedama ezifunda kuso, zize zingabi nandlela yakugqitiswa. Kwalile ngomhla we 10 ku September (eyom Sintsi) yaqabela into

yakwa Jili, yakwa Sibakulu, ngapaya kwezo Ntaba ze Herimone, yatsho ngapaya kwe zikhali zetu esibe sisoloko sizisingise kuyo, emva kokuvuma ingoma yesizwe eti: “Lizalis’ idinga lako, Tixo nkosi yenyaniso,” yawunikela umpefumlo yenza inkonzo ka Tixo yokugqibela, - kungako oko endigqiba ngeliti:

Bakuzen’ abantu be Nkosi yam, -

Bakuzeni nibatutuzele.

Tetan’ izw’ elimnandi kuma Xosa

Nit’ owakwa Masengwa use kupumleni,

Nit’ u Sibakulu namhl’ unikwelele

Wenze ngabom wanibizel’ imbongi

Wati “bamb’ apa ndifikelwe yincwadi!

“Hashi lenkumanda lilahlekile”

“Malixol’ ilizwe libonakele”

Kwalile x’ uyakuqabela mfo wakwa Jili, -

Langa lapuma ndlebe yandlovu

Laya latshona ndlebeni yangonyama;

Ngweny’ ebizayo yase Qonce

Ndiyitanda ngokubizel’ ukutwasisa

Namhl’ ilizwe lizele ngamagqira

Incutshe zent’ ezatwas’ emlanjeni

Taru Golozel’ irament’ ebuz’ umpefumlo

Taru Gosa weziqingata ngeziqingata

Taru mfo kajabavu mfondini, -

Nditi kwalile x’ uyakuti tya kulonkalo,

Kulonkalo ye Yoredane pesha kwe Hermone

Baqala bavel’ ubunkedama bama Xosa

Ndazibon' izishwayimban' ezizibijayo:

Zaqala zaqaqamba izenzo zako Jili –

Baqala baqaqamb' ubuntobela-mbuso

Yaqaqamb' inkolelo e Tyalikeni

Kwaqaqamb' ukutanda kwak' imfundo

Kwaqaqamb' ukubambelel' apo kutshisayo

Kwaqaqamb' ukupakama kwengqondo

Ukupakama kwengqondo pezu kobuvuvu,

Aguquk' amhlop' amabal' ebesiwalata-lenye

Siwalata-lenye sisit' anezisihla.

Azi namhla siyakutuka banina?

Siyakuzisulela kubanin' izisihla zodaka?

Bakhuzen' abantu be nkosi yam!

Bakhuzeni nibatutuzele.

Hamba nto ka bawo wena noko sitshoyo!

Akuyikuba safa sewohlal' uteta –

Ingxelo zako zibaliw' ezincwadini,

Zibaliwe kwimiqolo ye "MVO ZABANTSUNDU.'

Ingxelo zako zibaliw' ezincwadini, -

Zibaliw' ezingqondweni zabavelayo.

Ingxelo zako zibaliw' ezincwadini, -

Zibaliwe kwintliziyo zabatshonayo.

Ingxelo zako zibaliw' ezincwadini, -

Zibalw' ezingqondweni zohlanga lwako.

Hamb' uye kupumla x' i Nkosi ak' itshoyo –

Sosala sikutonga sikulaula.

Hamb' uy' ekupumleni wakubizwa –

Nam ndibiziwe bendingayi kumangala.

Kubizwe wena nje ke sitembile –

Namhl' abase Nyangwaneni bayakuxelelwa

Isimo ekusiso pezu komhlaba.

Uz' ungayilibal' intsapo yakwa Jili,

Uz' ungayilibal' intombi ka Joninga.

Uz' ungawulibal' umzi wama Xosa!!!

Ncincilili'